P. 2. Amaculo Agokuhamba Kwe Lizwi.

Ngozi

C.M.

"Hambani niye kulo lonke ihlabati niziwakalise indaba ezilungileyo kuyo yonke indalo." Marko XVI: 15

1. Hamba nati ke Mhlekazi
Xa sising'ezweni;
Sicanda amazwekazi
Sisiy' ezizweni.

2. Hamba nati ke Kumkani
Sityuty' ihlabati;
Singena kwizikumkani
Hlala wen' unati.

3. Hamba nati ke Somandla
Hamb' usoyisela;
Masinikwe nguw' amandla
Awokukulwela.

4. Hamba nati, hamba nati
Sikushumayele;
Yenza umsebenzi ngati
Sikusebenzele.

5. Malidum' Gama lako
Ezizweni zonke;
Sihambe ngamandla ako
Elizweni lonke.

Amen.